URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Keith Lackey**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Keith.Lackay@westerncape.gov.za | 021 467 2327

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20230518-4404

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa aMaziko ngeZibonelelo: 0008/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuMlawuli oyiNtloko weZithili kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zeZithili zeeDolophu kwiCandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko, nakuBaphathi beeSekethe beZithili bee-Ofisi zeZithili zeeDolophu

**ISihloko: Iindima nemisebenzi yamagosa eSkim soThutho lwaBafundi *(Learner Transport Scheme (LTS) officials*) ekulawuleni iindlela ze-*LTS* kwizithili zeedolophu**

1. Kwakuba kugqitywe yaye kwaphunyezwa inkqubo yokuqwalaselwa komsebenzi owenziwa kwisebe ngokumalunga nokusetyenziswa kwemali ngokuyimpumelelo, kwavunywa yaye kwaqeshwa kwizikhundla ezibini zamagosa (igosa lezolawulo nonobhala), amagosa e-*LTS* amabini ezithili zeedolophu. La magosa afakwe kwicandelwana le-*LTS* kwaNdlunkulu ukuncedisa kulawulo lweendlela ze-*LTS* kwezi zithili zeedolophu zilandelayo:esase-*East*, e-*North* nesase-*South*.

2. La magosa ezithili zeedolophu, aya kusebenza kuNdlunkulu weSebe leMfundo leNtshona Koloni, aya kuba phantsi kolawulo lwecandelwana le-*LTS* ngokumalunga nokucwangcisela imihla ngemihla nemisebenzi, ukunika ingxelo nolawulo lwentsebenzo.

3. Le misebenzi ilandelayo iya kwenziwa ngamagosa e-*LTS* ezithili zeedolophu:

3.1 **Ukubekwa esweni kwe-*LTS***

3.1.1 Ukuqulunqa nokungenisa isicwangciso saqho ngonyaka sokuhlolwa kweendlela ze-LTS kwizithili zeedolophu ezifanelekileyo ngenjongo yokuhlola indlela nganye kanye ngonyaka ubuncinane.

3.1.2 Ukuhlolwa kweendlela ze-*LTS,* kuqukwa le misebenzi ilandelayo:
- Ukuhlolwa kwazo zonke iindlela ze-*LTS* ezigunyazisiweyo ukujonga iimeko zeendlela, ukuqinisekisa imigama eyiyo kanye ehanjiweyo nokungqinisisa ukusetyenziswa kweendawo abathathwa kuzo ezigunyazisiweyo,
- Ukuhlola izithuthi ezigunyazisiweyo ezisendleleni. Umphandle nomphakathi wesithuthi/wezithuthi uya kuhlolwa ngokujongwa yaye kuya kungqinisiswa namaxwebhu esithuthi kwakunye nawomqhubi ayimfuneko.
- Ukuhlolwa kolawulo esikolweni ngokumalunga neendlela ze-*LTS*,

- Ukuzalisa isixhobo i-*Route and Vehicle Inspection monitoring tool,*
- Ukubonisana nomsebenzi/nabasebenzi abenza lo msebenzi abachaphazelekayo esikolweni ukuxoxa ngeziphumo ezimalunga nokuhlolwa kwendlela nezithuthi, kunye
- Nokucacisa ngokungqinelana nencwadana yemigaqo i-*LTS standard operating procedure*, iindima zesikolo nezegosa le-*LTS* xa kuxoxwa ngeziphumo zohlolo.

3.2 **Ukuvavanywa kwezithuthi nokungqinisiswa kwemeko yokulungela ukubasendleleni kwesithuthi**

3.2.1 Makucelwe yaye kufunyanwe isatifikethi/izatifikethi zokulungela ukubasendleleni kwezithuthi ezigunyaziswe kwiindlela ze-*LTS*; yaye

3.2.2 Makulungiselelwe ukuvavanywa ukulungela ukubasendleleni kwezithuthi ezigunyazisiweyo, apho kufanelekileyo.

3.3 **Izicelo ze-*LTS***

3.3.1 Makufunyanwe izicelo ze-*LTS* kwii-ofisi zezithili yaye makugcinwe iziko ledatha;

3.3.2 Makusingathwe izicelo ze-*LTS* yaye makufunyanwe umphathi wesithili ochaphazelekayo azisayinele;

3.3.3 Makungeniswe izicelo ze-*LTS* kwicandelwana le-*LTS* kwaNdlunkulu; yaye

3.3.4 Makuchazelwe izikolo isiphumo sesicelo se-*LTS* sakuba sifunyenwe kwicandelwana le-*LTS*.

3.4 **Amabango e-*LTS***

Makuncediswe kumalungiselelo nokungqinisiswa kwamabango e-*LTS* yaye makangeniswe ngexesha kumagosa ezithili zeedolophu ukwenzela ukuhlawulwa komboneneli-nkonzo.

3.5 **Ukwenza ingxelo**

3.5.1 Makunikwe ingxelo yaqho ngenyanga kumphathi wesithili sedolophu ochaphazelekayo ngokumalunga nemisebenzi ye-*LTS*;

3.5.2 Makungeniswe ingxelo yaqho ngenyanga kumququzeleli we-*LTS* kwaNdlunkulu yokuhlolwa kweendlela okwenziweyo, izithuthi ezivavanyiweyo kunye/okanye izatifiketi zokulungela indlela ezihlaziyiweyo ezisemthethweni ezivunyiweyo; kunye

3.5.3 Makungeniswe ingxelo yenkcitho yaqho ngenyanga kwicandelwana le-*LTS*.

4. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELLELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-06-06